



# Lifikile ixesha leKrisimesi

Pitsi Ragoasha

IsiXhosa



# Lifikile ixesha leKrisimesi

Ibhalwe nguPitsi Ragoasha  
Izotywe nguSiyasanga Madyibi



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi

IRenki yeeteksi  
yaseBika



Kuyabonakala ukuba lixesha elimnandi leholide kuyo yonke indawo njengoko kuba njalo ngeli xesha.

UMaNgoma nabantwana bakhe nabanye abantu bafolile belinde iteksi eziya edolophini, kwirensi yeeteksi.

UMaNgoma nabantwana bakhe baya kuthenga iimpahla negrosari yeKrisimesi.

Bebengalindelanga ukuba kuza kugcwala kangako ngabantu kwirensi yeeteksi.

Baza kuzinyakathisa eteksini ezeleyo kuba bafuna ukufika ngexesha edolophini.

Abaqhubi beeteksi abayikhathalelanga into yokuxinanisa abakhweli, into abayihoyileyo kukuqokelela imali kubo qha.



Kuzele ngabantu abaze kuthenga izinto zeKrisimesi edolophini namhlanje.

Ezivenkileni ezininzi kuhonjiswe ngezinto ezinemibala egqamileyo eziyinga kwimithi yeKrisimesi.

Abanye abasebenzi beevenkile banxibe iimpahla neminqwazi emhlophe nabomvu ze bafakela neentshebe ezimhlophe.

Abantwana bakaMaNgoma bayavuya kakhulu xa bebona u “Bawo weKrisimesi” kodwa ke ixesha abanalo lifutshane.

Ininzi into ekufanele bayenze phambi kokuba kuvalwe edolophini.



Abasebenzi bevenkile bonwabe kakhulu kwaye babetha iindidi zezixhobo zomculo ezahlukileyo bezama onke amaqhinga okutsala abathengi.

Abanye bayakhwaza, “Ngena ngaphakathi, amaxabiso ayafikeleka, thenga zibe mbini ze ufumane ibe nye felefele!”

Ubawo weKrisimesi yena uthatha abantwana abase ezivenkileni apho afika abanike izipho kunye neeswiti.

UMaNgoma uzama ukucutha ixesha abafuna ukulichitha nobawo weKrisimesi abantwana bakhe kodwa abantwana abafuni kwehlukana naye.

Bavuyela ukudlala nobawo weKrisimesi futhi balibele tu ngento ebebezokuyenza edolophini.

UMaNgoma kufuneke ukuba amcenge umanejala wevenkile ukuba ancede afihle ubawo weKrisimesi ngemva evenkileni khonukuze bakwazi abantwana ukuphuma evenkileni.





UMaNgoma ngoku uye wasibona isizathu sokuba abantwana bafune ukuza naye edolophini.

Kaloku babesoloko besiva abanye abantwana bebachazela amabali amalunga nobawo weKrisimesi.

UMaNgoma ngoku uphantsi koxinzelelo kuba ziseninzi izinto ekufuneka ezenzile edolophini.

Eyona nto imlibazisa ngakumbi kukungakwazi ukuhamba ngokukhawuleza ngenxa yenkitha yabathengi abasezitatweni.

Abantwana bagileka ebantwini okanye ubabone beshiyekela kuba belibele ukujonga izinto ezithile.



Emva kokuba bephumile kwivenkile yokuqala,  
uMaNgoma nabantwana baya kwivenkile  
yezihlangu.

Ngenxa yokungxama waphantsa walahlekelwa  
ngumntwana phambi kokuba bafike kuloo  
venkile.

Bathi xa bewela kwirobhothsi, omnye  
umntwana wabaleka wabuya umva akuzibona  
zisiba bomvu iirobhothsi.

UMaNgoma waqaphela xa bekwirobhothsi  
zesibini ukuba akakho uMsindisi.

Wacholwa ngamapolisa ebhadula engazi  
nokuba athini, aze amthatha amsa kwintente  
yawo.

Ngethamsanqa afumana inombolo yefoni  
kaMaNgoma epokothweni yakhe aze amtsalela  
umnxeba.



Zininzi izinto ezothusayo nezingakholelekiyo ezenzeka edolophini ngexesha leeholide.

UMadlomo nomyeni wakhe nabo basedolophini nabantwana babo bazokuthenga izinto zeKrisimesi.

Bathe bakudinwa kukujikeleza nabantwana ngeenyawo, bagqiba ekubeni babatshixele emotweni ze babashiya.

Loo mini ilanga lalikhupha iintlanzi emanzini ubomi babantwana baba sesichengeni ngenxa yobushushu obabusemotweni.

Intsizana zabantwana zazivaleleke emotweni zibile zibaleka amanzi zifuna nomoya.

Wathi uMaNgoma akubona abantu bejikeleze imoto, naye wakroba ngefestile. Zange ayikholelwe into awayeyibona.



Kwangoko, wabiza amapolisa ngokukhawuleza uMaNgoma.

Akhawuleza afika amapolisa aze aqhekeza iifestile zemoto abakhupha abantwana.

UMaNgoma wayecaphuka kakhulu ngathi abo bantwana ngabakhe.

Wawacela amapolisa ukuba avule ityala lokuphathwa gadalala kwabantwana ze wavuma ukuba uza kuba lingqina eliphambili.

Wathi akufika emotweni uMadlomo nomyeni wakhe uMluleki, bahlaselwa lihlokondiba labantu ababejikeleze imoto.

Ngethamsanqa ayengekahambi amapolisa aze abahlangula kodwa babanjwa.





Kwivenkile yezihlangu ebizwa ngokuba kukwaKhethosithandayo, kwakuzele kukho abantu abaninzi.

UMaNgoma nabantwana bangena nzima kule venkile ngenxa yokugcwala.

UPhaphama noKuku bavuya kakhulu kuba bazifumana izihlangu ekudala bezifuna.

UPhila noMsindisi babequmbile kuba izihlangu ababezifuna zaziphelile.

UMaNgoma usengxakini kuba ebecinga ukuba bonke abantwana baza kuzifumana kule venkile izihlangu abazifunayo.

Ngoku akazi ukuba baza kuzikhangela kweyiphi ivenkile izihlangu xa bengazifumananga kule venkile.

# Kwantozonke



UMaNgoma wayeziva enoxinzelelo kakhulu.

UPhila naye wayenexhala kakhulu kuba wayengazifumani izihlangu ezimlinganayo kwezo wayezithanda.

Umsebenzi wasevenkileni wayemmele uMaNgoma ukuba makabakhethele ezinye izihlangu abantwana.

Njengokuba zazincinci kuPhila izihlangu, wayesithi ziza kuvuleka ekuhambeni kwexesha xe sele ezinxiba.

Njengokuba zizikhulu ezinye uthi makangakhathazeki uMaNgoma, wathi uza kukhulela kuzo kuba abantwana bakhula ngokukhawuleza.

Eyona nto ifunwa ngabasebenzi beevenkile, kukuba abantu bathenge, abayikhathalelanga eyokuba befuna izihlangu ezithile zeKrisimesi.



Big Book

Ivenkile ethengisa izinto zokudlala, iZonke Bonke, nayo yayizele iphuphuma.

Abasebenzi badlala izixhobo zomculo ezahlukileyo zokurhweba abathengi. Bayabaxelela ukuba amaxabiso ezinto zokudlala athotywe. Izinto ezininzi zokudlala zincanyathiselwe iileyibheli ezibonisa ukuba kususwe ama-50% kwixabiso lento nganye.

Abantu abaninzi babekholelwa ukuba ngenene amaxabiso athotywe kodwa yena uMaNgoma wayengayikholelwa loo nto.

Waqaphela ukuba amaxabiso ayebonisiwe ayefana nqwa nalawo kwakuthengiswa ngawo xa wayekule venkile ekuqaleni konyaka.

Abantwana bona abawakhathelanga amaxabiso, bakhetha izinto zokudlala abazithandayo bazifake etrolini nokuba bayaxelelwa ukuba bangazithathi.

NGENA  
NGAPHAKATHI

**kwa Zikhethela**



Kwivenkile eyaziwa ngokuba kukwaZikhethela,  
kwakusisiphithiphithi.

Abasebenzi babengabavumeli abantwana  
abangaphantsi kweminyaka eli-10 ukuba  
bangene.

UMaNgoma yammangalisa futhi yamcaphukisa  
le nto.

Abasebenzi bazama ukumnika izizathu zokuba  
ivenkile ithathe eso sigqibo.

Kodwa kunjalo, wambuza umnini venkile ukuba  
loo mthetho uwuthatha phi.

Ekugqibeleni imnini-venkile wamvumela  
uMaNgoma ukuba angene nabantwana bakhe.

Nabanye abantu bafumana nabo ithuba  
lokungena nabantwana babo.





Eyona ndawo idume ngokuba nabantu abaninzi ngeholidi, zipakhi zasedolophini.

Abantu abaninzi bayahamba bayokuphumla kwezi pakhi xa bedinwe kukujikeleza edolophini.

Ngexesha leeholide iipakhi ziyazala ngabantu abaze kuzonwabisa nabaze kuphumla.

Baphumla kwingca eluhlaza phantsi kwemithunzi yemithi ehonjiswe ngemibala enomtsalane yeKrisimesi.

Kwelinye icala lepakhi kukho imithi emide ejinga phezu kwequla lamanzi.

UMaNgoma nabantwana bakhe nabo baya epakhini bafika baphumla futhi bazonwabisa.



Wonke umntu epakhini ebephumlile  
ezonwabisa ngenyama eyojiweyo, abantu  
besitya besela.

Abantwana bona babedlala bebaleka  
bejikeleza epakhini, bedlala kwivili elijikelezayo,  
abanye betsiba kwindawo elungiselelwe  
ukudlala ngokutsiba.

Abantwana bakaMaNgoma nabo bajoyina  
imidlalo yabantwana badlala, besuka  
kumatshini wokudlala baye komnye.

Babeba nethuba lekhefu qho baze bajoyine  
abantu ababedanisela umculo owawukhwaza  
udlalwa epakhini.

Abanye abantwana babedanisa kakuhle  
ngeli xesha abanye babexhumaxhuma  
bengasilandeli kakuhle isingqi somculo.

Ewe, lixesha leholide kwaye iingoma  
ezidumileyo ezifana nale "Umlilo" zidlalwa  
ziphindaphindwe.



Ukhuseleko lubaluleke kakhulu epakhini khonukuze kuqinisekiswe ukuba abantu abachitha iKrisimesi bakhuselekile.

Bayaqinisekisa ukuba abantwana bakhuselekile ze baqwalasele amasela nabantu abasebenzisa kakubi utywala.

UMaNgoma wayenexhala malunga nokhuseleko lwabantwana abadlala kufuphi namaqula okudada.

Wathi akubona into eyayisenziwa ngabantwana abaninzi xa bedlala kufuphi namaqula okudada anzulu, wanexhala ngakumbi.

Ekugqibeleni wabizela ndawonye abazali, ezama ukubalumkisa ngobungozi bokudlala kufuphi namaqula okuqubha .

Wabakhumbuza ukuba abantwana abaninzi baphulukene nobomi babo ngenxa yemincili ababenayo ngexesha leeholide.

TAXI BANK

UBE  
NOHAMBO  
OLUMNANDI



Ilanga ngoku seliza kutshona kwaye iibhasi neeteksi seziqalile ukulayisha abantu ababuyela emakhaya.

UMaNgoma nabantwana bakhe baphethe iimpahla abazithenge edolophini, baya kwirensi yeeteksi.

Abantwana bonwabile kakhulu kangangokuba banqwenela ukuba bangahlala edolophini umphelo.

Namhlanje abazukulala kakuhle kuba baza kulindela usuku lweKrisimesi oluza kuba ngomso.

UMaNgoma ufuna ukufika ngokukhawuleza ekhaya ukuze aqalise ukucoca nokupheka kuba balindele iindwendwe ngengomso.

Okungamandla kukuba ngobu busuku kulindeleke ukuba aye enkonzweni nabantwana apho baza kubhiyozela khona ukuzalwa kukaYesu Krestu.



# IMIBULELO KWABA

**Ibhalwe ngu**

Pitsi Ragoasha

**Izotywe ngu**

Siyasanga Madyibi

**Umhleli woku-1**

Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**

Isabel Seakamela

**Umhleli wesi-3**

Irene Masemola

**Umhleli**

PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**

Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**

Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00743-5



basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

